## IPHEPHA LEMIYALELO NEENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isicatshulwa | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-30 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-40 |

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISICATSHULWA SOKUQONDA

## UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B, uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

### ISICATSHULWA A

**ULWIMI**

1 Ulwimi lwesiNtu ngakumbi olwesiXhosa luya luphelelwa ngokuphelelwa ngenxa yendlela abantu abangaluxabisanga ngayo ulwimi lwabo. Abantu abasenofifi ngolu lwimi ziinkonde neenkondekazi, aba bantu bawongwa ngamalwimi eegusha naweenkomo. Umntu ofuna ulwimi olusulungekileyo nolubalaseleyo ngencasa kufuneka achwechwele iinkonde neenkondekazi aze azakhele ityotyombe lakhe ecaleni kwazo acholachole izangotshe zolu lwimi lingekatshoni ilanga. Kaloku umntu ongaluhloniphanga ulwimi lwakhe untama ukungazixabisi kwakhe kuba kaloku umntu engumntu nje ngumntu ngolwimi lwakhe ingasilulo olo lwegusha okanye olwenkomo.

2 Ngonyaka we-1994 kukhe kwakho ukuxambulisana phakathi kwezizwe ezibini: isizwe saseFransi nesaseNgilani. Le nto yasuswa kukukhalaza kwesizwe saseFransi, sikhalazela ukuxatyiswa kolwimi lwamaNgesi ngabantu abalwimi lwabo isisiFrentshi. Abantu baseFransi abalukhathaleleyo ulwimi lwabo bakhalazela ukufuthaniselwa kolu lwimi lwabo lufuthaniselwa sisiNgesi. AmaNgesi aziphindezela ngokugrogrisa ukuba azimisele ukuxwantsula onke amagama esiFrentshi kulwimi lwesiNgesi. Into nje la maNgesi ayethetha ngolu hlobo ayengayiqondanga kukuba ukuxwantsula amagama esiFrentshi kwakunokwenza olu lwimi lwesiNgesi lushiyeke luyindunyuva.

3 Ulwimi ngalunye luyaboleka amagama athile kwezinye iilwimi kodwa isenokwenzeka impazamo yokuba ulwimi oluthile luwatyeshele amagama alo ngenxa yokudlwengulwa lulwimi oluthile. Ulwimi lwesiXhosa luthanda ukuqhwalela kakhulu kangangokuba ukuba akukho nto yenziwayo ukuzama ukukhusela olu lwimi kumsinga okhukulisayo wolwimi lwesiNgesi, kwiminyaka ezayo akuyi kubakho siXhosa umntu anokuzingca ngaso. Ngaphandle komsinga wolwimi lwesiNgesi okhukulisa ulwimi lwesiXhosa, ukho nomsingana wolwimi lwesiZulu nawo ocokisa loo ntlenge eshiywe lulwimi lwesiNgesi.

4 AmaNgesi afika abantu bakwaXhosa bethetha ulwimi olusisiXhosa nokuba ke olu lwimi lwalungabhalwanga nje. Into ayenzileyo ke amaNgesi kukuqokelela olu lwimi alufake encwadini. Yonke le nto yenzeke phantsi kwekhusi lenkolo kuba enye into amaNgesi la ayejolise kuyo kukuba umXhosa aguquke alahle iinkolo nokuba ziinkolelo zakhe. Umntwana womXhosa usiwe esikolweni akafundiswa nje ukubhala ulwimi lwakhe koko nolo lwasemzini. Ngaphandle kokusetyenziswa kwemfundo njengesixhobo senguquko imfundo ikwasetyenziswe njengesinye isixhobo sokuhlumisa, ukukhulisa nokukhusela iimbono nezimvo zabasemagunyeni.

5 Umntwana womXhosa akafundiswanga nje ukuba alwazi ulwimi lwesiNgesi koko uqotyelwe ukuba aluthethe olu lwimi njengeNgesi. IsiNgesi sihambe sabonwa njengentetho yempucuko. Abantu bakhe bathi swii, njengokuba abanye besathe swii nangoku, lolu lwimi lwasemzini. Kukho abantwana bamaXhosa abaza kukhula bade bakhokhobe bengazi nto tu ngolwimi lwesiXhosa kuba kaloku kukho impazamo yokucinga ukuba isiXhosa esi asilulo ulwimi lwempucuko.


6 Ngokuya ingingqi yaseTranskei yayikhe yathiwa jize ngento eyayifana nenkululeko, kwakukho izinxiba-mxhaka zasembusweni ezazihamba zijikeleza iilali zisenza iintetho kwezo lali. Ezi zinxiba-mxhaka zazijikeleza nabantu abachongwe njengeetoliki kuba kaloku nakuba zazingamaXhosa nje iintetho ezo zazo zazizenza ngesiNgesi. Yayibuhlungu le meko kodwa obona buhlungu yayikukuba abantu babeyamkele beyithanda le ntlungu. Nto nje eyayincomeka kwaba beLungu baMnyama kukuba wanda umsebenzi kangangokuba babekho abantu ababefundela nje ukuba ziitoliki.

7 Kwiinkundla zamatyala ungafika inkundla yonganyelwe ngumntu ongumXhosa nonwele; umtshutshisi ongumXhosa nozwane; ummangalelwa ongumXhosa nendlebe; ummangali ongumXhosa nomnwe; igqwetha elingumXhosa nemilebe; abafazi abaze kumamela ityala abadizwa ziziqhova, imibhaco, iinxili, amabhayi, nemibheka-phesheya ukuba bangamaXhosa, namadoda angamaXhosa nezankwane zawo. Wakuphulaphula inkqubo yale nkundla akuhambi mgama mde ufumanise ukuba bonke aba bantu ngabadlali nje abaseqongeni. Le nto bayenzayo ayikabi yiyo eyabo koko ngamagosa nje emboleko kumdlalo weqonga. Ityala engelithathe nje imizuzu emine, lichithe iinyanga ezilithoba ade abaleke nommangali kuba kulityelwe kukuhlalutywa kwesiNgesi ukwenzela ukuba umfo apha owaziwa ngokuba yiDuke of Edinburgh aqonde ukuba laqhutywa kakuhle elo tyala mhlenikwezeni wadibana nalo.

8 Indlela yokubuyisela ulwimi lwesiXhosa kwindawo elufaneleyo phakathi kwezinye iilwimi inde yaye inomdintsi. Abantu abazimisele ukuyihamba loo ndlela kufuneka baqiniseke ukuba baziphathele intloya notshongo kuba hleze banxanwe balambe. Olu hambo alunakuthatyathwa ngabantu abangaluthandiyo olu lwimi. Into nje yona ecacileyo kukuba ulwimi lwesiXhosa lufuna ukulondolozwa kuba luya luphela ngokuphela abantu bejongile. Kunyanzelekile kona ukuba kuphunywe iphulo ngabantu abathile baye kuhlangula olu lwimi kuba lufuthaniselekile lulwimi lwesiNgesi. Le yintlaba-mkhosi engenako nokuviwa ngabo babambe uluhlu behlasela ulwimi lwabo.

[Sicatshulwe kwincwadi: *KANTI SINJE?* ebhalwe ngu: MC Matyumza, LL Ngewu: amaphepha 42–52, saze sahlelwa.]

## ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO




[Ucatshulwe kwi-Intanethi: www.googlesearch.com, waza wahlelwa]

## IMIBUZO: ISICATSHULWA A

1.1 Sizathu sini esibangela ukuba ulwimi lwesiXhosa luye luphelelwa ngokuphelelwa? (Kumgca 1–2) (2)

1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Uthetha ukuthini umbhali xa esithi, 'Abantu abasenofifi ...'? (Kumgca 2–3)

A Abantu abasenolwazi oluphangaleleyo.
B Abantu abasenolwazi olutenxileyo.
C Abantu abasenolwazi oluncinci.
D Abantu abasenolwazi oluchanekileyo. (1)

1.3 Lubangelwa yintoni uxambuliswano phakathi kwesizwe saseFransi nesaseNgilani? (Kumgca 10–14) (2)

1.4 Aziphindezela njani amaNgesi kumaFrentshi? (Kumhlathi 2) (2)

1.5 Nika isithethantonye sesenzi '... ukuqhwalela ...' njengoko sisetyenziswe kwisicatshulwa, wandule ukusisebenzisa kwisivakalisi esiphuhlileyo. (Kumgca 23) (2)

1.6 Yintoni ayenzileyo amaNgesi ngesiXhosa? (Kumhlathi 4) (2)

1.7 Khankanya indlela imfundo esetyenziswe ngayo ngamaNgesi kumntwana womXhosa. (Kumgca 33–37) (2)

1.8 'Abantu bakhe bathi swii, njengokuba abanye besathe swii nangoku, lolu lwimi lwasemzini.'

Yeyiphi ingcamango evezwa ngumbhali ngesi sivakalisi singentla? (Kumgca 40–41) (2)

1.9 Sebenzisa isibizo '... izinxiba-mxhaka ...' kwisivakalisi ukuphuhlisa intsingiselo yaso. (Kumgca 46) (2)

1.10 Isivakalisi esingezantsi sityhila ntoni ngendlela acinga ngayo umbhali ngamagosa asezinkundleni? (kumgca 60–65)

'... aba bantu ngabadlali nje abaseqongeni.' (2)

1.11 Kutheni umbhali ephindaphinde isichazi '... ongumXhosa ...'? (Kumgca 54–55) (2)

1.12 Kukho uluvo lokuba ulwimi lwesiXhosa luyabhanga. Xhasa okanye uchase olu luvo. (Kumgca 70–72) (2)

**IMIBUZO: ISICATSHULWA B**

1.13 Lo mfanekiso ungasentla umele oluphi ulwimi? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.14 Olu lwimi ulukhankanye KUMBUZO 1.13 lwahluke njani kwezinye iilwimi? (2)

1.15 Khankanya naluphi ulwimi lwaseMzantsi Afrika oluvumelekileyo ngokwasebuRhulumenteni. (1)

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A NO B**

1.16 Yintoni umahluko phakathi kwesicatshulwa A nesicatshulwa B? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAMAZWI AKHO

ISICATSHULWA C sithetha **ngoqhagamshelwano ngexesha lamandulo nelangoku**. Shwankathela ngamazwi akho **umahluko phakathi kwezi ndidi zoqhagamshelwano**.

**QAPHELA:**

1. Isishwankathelo sakho masiquke amanqaku ASIXHENXE ungedluli kumagama **angama-70**.
2. Bhala umhlathi ongenaziphene.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**ISICATSHULWA C**

**UQHAGAMSHELWANO**

Ngemihla yakudala kwakunzima ukuqhagamshelana kwabantu. Phambi kokuba kuvele iimfonomfono neengcingo kwakunzima kakhulu ukunxibelelana nomhlobo wakho okwisixeko esingekho ngaphezulu kumashumi amathandathu eekhilomitha ukuba kude. Zaziqingqitha iiveki amadoda ezizisulu zamarhamncwa asendle nabaphangi esiya kufuna umsebenzi koomaRhawuti nakwezinye iidolophu.

Abemi bendawo ukuze bazi ukuba kuqhubeka ntoni kuleya kwakuye kufike abahambi abahambela imicimbi ngemicimbi enjengokucela intombi, ukubika umkhuhlane okanye ukwazisa umphanga. Lungafika ezindlebeni zeentloko zesizwe olo daba konakele ukuhlala kuba luyakuthathwa apho lusasazwe kuloo mmandla wonke lucingo lwamaXhosa.

Abanye babeziva emthonjeni nasehlathini xa kuthezwa iinkuni, bazidlulisele kwabangekaziva. Abahlamba iimpahla emadwaleni phaya emlanjeni baziphaka zishushu kwabo bagqithela emasimini. Oonokrawuzana bona bebencaza ngazo icuba kanti zona iimpukane eziluhlaza zazingashiyi nezakwamkhozi. Ezo kucaca ukuba ziwaxhomisile amehlo bekuqanjwa ngazo iingoma ezaziye zilityhutyhe lonke elo zwe. Ngamafuphi, iindaba zazihanjiswa ngelizwi lomlomo.

Bekusakuphuma izijoli ziwutyhutyhe loo mmandla zihambisa naluphi na udaba olusuka ezinkosini ezazilawula ngelo xesha. Kwakuba njalo xa kuhlatywa umkhosi lakufa ilizwe, kube njalo nakumaxa okubeka phantsi izixhobo ngenkxolazwe ayebethwa athi saa amaqegu namhla ngogayi. Yayinatyiswa inkcazo yempilo ngamaXhosa akudala kuba elo thuba lalisetyenziswa nasekuxeleleni abanye ngezinto ezehlele lowo uchazayo okanye isizalwana sakhe.

Yonke loo nto yatshintshwa kukufika kwala mabandla aphesheya kolwandle athi eza neendlela ezintsha zoqhagamshelwano. Imfundo ivelise ukubhalwa kweencwadi, iileta ukutsho ke. Bathe saa kulo lonke eli aba bathunywa bengalambi bephethe imicimbi ngemicimbi besiya kwizihlobo nezalamane ezisese kwezo nduli neentaba.

Ukuvela kweemoto noololiwe kuncede kakhulu ekubeni kuhanjelwane xa kukho imfuneko. Nangaphandle koko kube lula ukuhambisa izinto ezinjengamaphepha-ndaba athwele iindaba ngezinto ezenzeka kwimbombo zone zehlabathi.

Lukho nakwezomoya uqhagamshelwano. UmXhosa wakudala wayethetha neminyanya yakowabo ikwizwe lemimoya.

[Sicatshulwe kwincwadi *UGEME?* nguPT Mtuze, HN Mjamba: amaphepha 1–2, saze sahlelwa.]


**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: UKUHLALUTYA IINTENGISO

Funda le ntengiso (ISICATSHULWA D) esingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

### ISICATSHULWA D




[Sicatshulwe: kwi-Intanethi www.googlesearch.com saza sahlelwa]

**ISIGAMA:**

Peri-Peri: isinongo sokutya esibabayo.

3.1 Xela igama lemveliso ethengiswa kule ntengiso ingentla? (1)

3.2 Sebenzisa isibizo '... ulwimi ...' kwizivakalisi ezibini ukuze kuphuhle iintsingiselo ezahlukeneyo. (2)

3.3 Ijoliswe koluphi udidi lwabathengi le ntengiso? (1)

3.4 Kutheni umbhalo othi, 'Hlonipha Ulwimi Lwakho' ubhalwe ngokungaqhelekanga? (2)

3.5 Ibalasele ngantoni le mveliso kunezinye iimveliso ezikolu luhlu? (2)

3.6 Ingaba uphumelele umyili wale ntengiso ekudluliseni umyalezo wakhe? (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: UKUQONDA EMINYE IMIBA YEMIDIYA

Funda ISICATSHULWA E uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

### ISICATSHULWA E: IKHATHUNI




[Icatshulwe kwi-Intanethi-www.themodelmom.wordpress.com]

4.1 Baphi aba bantu bakule khathuni? (1)

4.2 Nika isizathu sempendulo oyinike ku 4.1. (1)

4.3 Isityhilela ntoni inkangeleko yangaphandle yomntwana ngaye? (kwibhokisi yoku-1) (1)

4.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Ibonisa ntoni ngemvakalelo yesi sibini indlela esijonge ngayo umntwana kwibhokisi yoku-1?

A Ibonisa usizi.
B Ibonisa umsindo.
C Ibonisa uvuyo.
D Ibonisa uthando. (1)

4.5 Ibonisa ntoni ngaye indlela ahleli ngayo umntu osesitulweni kwibhokisi yoku-1? (1)

4.6 Wohluke njani umntwana okwibhokisi yoku-1 kokwibhokisi yesi-2? (2)

4.7 Iveza ntoni inkangeleko yobuso bukatitshala kwibhokisi yesi-2? (1)

4.8 Mfundiso ni edluliswa ngumzobi wale khathuni? (2)

**[10]**

## UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

Funda ISICATSHULWA F, esineempazamo ezithile ezenziwe ngenjongo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

## ISICATSHULWA F

### HAMBA BUSIKA MKA!

1 Ewe, silivile igalelo lakho elinzima ndodandini Busika, siwevile amahlwantsi akho. Uwubethe waguga umhlaba wahlininika wambi. Imithi uyibethe yaziintswazi kuba uwavuthulule onke amagqabi ayo; nongayivuthululanga ayibonakalisi kuchwayita. Ilizwe ulitsho laxweba, ingca yampatshampatsha, baphela ubuhle bomhlaba. Uwasele waphants'ukuwagqiba amanzi emithombo nawemilanjana, kungoko imifula ilele ingubo yesele, neenkomo zethu zisela ezadungeni.

2 Kusasa uwambathisa umhlaba ngengubo emhlophe etsho kuqaqambe iinyawo kuqothole izandla, ibe ziinyembezi ebantwaneni, omdala abe ntlinintlini. Iintaba uzithwalisa umnqwazi omhlophe, uthi umoya ophuma kuzo utsho kuqaqambe umongo; zithi iingubo alele ngazo umntu zikho nje zibe ngathi azikho. Iinkomo zethu zibhitye ziyiminqorho kuba ingca ayinasongo; ziyeyela ngokufuna uhlaza olusemigxojeni, siyobula mihla le, sipheke enye ngomhluzi wenye. Kungoko sikugxothayo sisithi mka ndodandini Busika, igalelo lakho linzima.

3 Phaya emakhaya akukuhle, zinkohlonkohlo nemikhuhlane ebantwini, oogqirha baxilonga bexilongile, izibhedlele zizele. Yimikhwa yakho yonke leyo ndodandini Busika. Izindlu zethu zimkile, ezinye uzishiya zidlazalala. Nangani sikugxotha nje Busika, sisithi hamba, mka, noko asizilibalanga izinto ezintle osenzele zona.

[Sicatshulwe kwincwadi *AMAVO AMAFUTSHANE* ebhalwe ngu: A Madala: iphepha lama-46, saze sahlelwa]

5.1 Xela indlela esisetyenziswe ngayo isakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwibinzana elingezantsi. (Kumgca 1)

'... silivile igalelo lakho elinzima ndodandini Busika ...' (1)

5.2 Guqula isimaphambili sesibizo 'Imithi ...', wandule ukusisebenzisa kwisivakalisi. (Kumgca 2–3)

'Imithi uyibethe yaziintswazi.' (2)

5.3 Xela uhlobo lwesenzi esibhalwe bukekela kwibinzana elingezantsi.

'... kungoko imifula *ilele* ingubo yesele ...'. (Kumgca 5–7) (1)

5.4 Bhala isithetha-ntonye sesenzi '... zibhitye ...'. (Kumgca 12) (1)

5.5 Dibanisa izivakalisi ezibini ezingezantsi ngesihlanganisi u 'kanti'.

5.5.1 'Izindlu zethu zimkile' (Kumgca 18)

5.5.2 '... ezinye uzishiya zidlazalala'. (Kumgca 18) (1)

5.6 Bhala ngokutsha eli binzana lilandelayo ngokuchanekileyo:

'... zinkohlonkohlo nemikhuhlane ebantwini ...' (Kumgca 16) (1)

5.7 Sibonisa ntsingiselo ni isimamva u-isa kwisenzi '... uwambathisa ...' kwesi sivakalisi singezantsi:

'Kusasa uwambathisa umhlaba ngengubo emhlophe ...'. (Kumgca 8) (2)

5.8 Guqula eli binzana lingezantsi libe kwimo evumayo:

'... asizilibalanga izinto ezintle osenzele zona'. (Kumgca 19–20) (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**